MCH91-142-2-3

# Isicwangciso se-ANC sokuzisa Uxolo noKhuseleko

## Uninzi lwabantu baseMzantsi Afrika lunethemba kwaye luthandazela uxolo. Sonke kufanele sihlale kwiindawo ezikhuselekileyo.

I-ANC, njengorhulumente omele amaxhoba e-aparteyti, iyawuqonda umahluko phakathi korhulumente osebenzisa ugrogriso nezoyikiso, kunye nalowo unenkathalo. Iminyaka ngeminyaka, urhulumente weNational Party ebexhomekeke kusetyenziso lwezigalo ukuze anyanzelise imithetho yobanjululo, anyanzelise nokuthotyelwa kwale mithetho yobanjululo.

Urhulumente we-ANC, ngokubambisana nabahlali, uzakuqinisekisa ukuba izikrelemnqa zitshutshiswa kanobom ngokusemthethweni. Ngelixesha abanye bathwala izandla entloko bephelelwa lithemba, okanye betyhola abanye, thina sizakubhinqela phezulu sisombulule iingxaki.

ANC

# INTLALO ENGCONO KUBANTU BONKE!

Printed by: Taj Printers (011) 422-3172

## UKUSEBENZELA ABANTU

*Urhulumente we-ANC uzakwenza oku kulandelayo:*

- urhulumente we-ANC uzakusebenzela bonke abantu, abeke phambili iimfuno zelizwe, ngaphezulu kweemfuno ezingephi zohlanga oluthile okanye zeqela elithile.
- urhulumente we-ANC uzakuvelisa imisebenzi kunye namanye amathuba kubo bonke abantu.
- urhulumente we-ANC uzakuguqula imikhosi yokhuselo ukuze isebenzele bonke abahlali.

*Kwangoko sizakuthabatha amanyathelo abonakalayo angala alandelayo:*

- sizakumisela inkqubo yokunciphisa inani lemipu esebantwini kunye nenkqubo yokuphelisa ukunyebeleziswa kwezixhobo.
- siyakumisela iphulo lokukhuthaza unyamezelwano kwezopolitiko, ukuhlonitshwa komgaqo-siseko nemithetho yelizwe, neendlela zokusombulula iyantlukwano kwezopolitiko ngoxolo.
- sizakuthabatha amanyathelo ajongene nokukhusela abafazi nabantwana kudlwengulo nakwimpatho embi, kwaye sithabathe amanyathelo angqongqo kubadlwenguli nakwabo baphatha kakubi abafazi nabantwana.
- sizakumisela inkqubo ejongene nenkqubela-phambili yolutsha, kunye nephulo lokuphelisa ukusetyenziswa kweziyobisi (drugs).

## IMIKHOSI YOKHUSELO

- Umkhosi wamapolisa uzakuguqulwa wakhiwe ngendlela ebonisa ubukho beentlanga ngeentlanga kunye nobukho bababafazi kweli lizwe, kwaye ubambisane nabahlali. Lo mkhosi awusayi kuzibandakanya nalo naliphina iqela okanye umbutho, uzakuba namalungu awufundeleyo lo msebenzi, kwaye uzakulandela umgaqo-siseko, uhloniphe amalungelo oluntu.




- Umkhosi omtsha wamajoni ajoyine ngokuzithandela uzakujongana nokhuseleko lwelizwe, hayi imibandela yezopolitiko kweli lizwe. Lo mkhosi uzakusetyenziswa nakwimisebenzi yophuhliso nenkqubela-phambili, kunye nasekunyuseni umgangatho wobuchwepheshe bolutsha.

- Amajoni namapolisa akhoyo ngoku azakukhuthazwa ahlale. Kodwa ubundlobongela kule mikhosi abusayi kunyamezelwa. Amajoni namapolisa azakuxhamla amalungelo angundoqo oluntu. Iimali zabo zemihlala-phantsi bazakuzinikwa.

## UKULINGANA EMTHETHWENI

Ukuze esi sicwangciso sethu siphumelele, kuyimfuneko ukuba kubekho iinkundla ezibonakalisa ngokubanzi ubukho bababafazi kunye neentlanga ngeentlanga entlalweni. Kufuneka kubekho ulingano nobulungisa emthethweni. Inkqubo yezobulungisa izakufikeleleka, ixabiso libephantsi kwaye ibenobulungisa. Iinjongo zale nkqubo yobulungisa izakuba kukwakha ngokutsha izimilo zezaphuli-mthetho, hayi impindezelo.

Issued by: ANC -D.I.P. 51 Plein Str., JHB 2001

Printed by: Taj Printers (011) 422-3172

